



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOZA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

IPHEPHA LESIBINI (P2)

NOVEMBA 2012

AMANQAKU: 70

IXESHA: 2 iiyure

Olu viwo lunamaphepha angama-25.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Nceda ufunde eli phepha ngenyameko phambi kokuba uphendule imibuzo.
2. Musa ukuzama ukufunda lonke iphepha. Yiya kwisiqulatho kwiphepha elilandelayo uze uphawule amanani emibuzo esetwe kwiincwadi ozifundileyo kulo nyaka. Emva koko, funda le mibuzo uze ukhethe ofuna ukuyiphendula.

3. Eli phepha linama CANDELO amaNE:

ICANDELO A: Inoveli	(35)
ICANDELO B: Idrama	(35)
ICANDELO C: Amabali amafutshane	(35)
ICANDELO D: Isihobe	(35)

4. Landela imiyalelo ngononophelo ekuqaleni kwecandelo ngalinye.
5. Phendula IMIBUZO EMIBINI iyonke: umbuzo omNYE okhethwe nakwawaphi amacandelo amaBINI. Sebenzisa uluhlu lokukhangela ukukunceda.
6. Bhala iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.
7. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.
8. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.
9. Ingcebiso yokulawula ixesha: Sebenzisa imizuzu engama-60 kwicandelo ngalinye.

IPHEPHA LESIQUILATHO

Eli phepha liza kunceda abafundi bakwazi ukukhetha imibuzo abafuna ukuyiphendula ngaphandle kokufunda lonke iphepha.

ICANDELO A: INOVELI

Phendula umbuzo ube mNYE kweli Cadelo.

INANI LOMBUZO	UMBUZO	AMANQAKU	INOMBOLO YEPHEPHA
1. <i>Kusa kusihlwa</i>	Umbuzo omde	35	5
OKANYE			
2. <i>Kusa kusihlwa</i>	Umbuzo omfutshane	35	5
OKANYE			
3. <i>Umqol'uphandle</i>	Umbuzo omde	35	8
OKANYE			
4. <i>Umqol'uphandle</i>	Umbuzo omfutshane	35	8

ICANDELO B: IDRAMA

Phendula umbuzo ube mNYE kweli Cadelo.

5. <i>Ndiyekeni</i>	Umbuzo omde	35	12
OKANYE			
6. <i>Ndiyekeni</i>	Umbuzo omfutshane	35	12

ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE

Phendula umbuzo ube mNYE kweli Cadelo.

7. <i>Ndakuyicel'ivuthiwe</i>	Umbuzo omde	35	16
OKANYE			
8. <i>Ndakuyicel'ivuthiwe</i>	Umbuzo omfutshane	35	16

ICANDELO D: ISIHOBE

Phendula nayiphi imibuzo emiBINI kweli Cadelo.

9. <i>Intyatyambo</i>	Umbuzo omfutshane	17½	19
OKANYE			
10. <i>Intaba kaNdoda</i>	Umbuzo omfutshane	17½	21
OKANYE			
11. <i>Ibhabhathane</i>	Umbuzo omfutshane	17½	22
OKANYE			
12. <i>Funzela enzulwini</i>	Umbuzo omfutshane	17½	23

ULUHLU LOKUKHANGELA

ICANDELO	AMANANI EMIBUZO	INANI LEMIBUZO EPHENDULWAYO	PHAWULA
A: INovelis (Umbuzo omde OKANYE umbuzo omfutshane)	1–4	1	
B: Idrama (Umbuzo omde OKANYE umbuzo omfutshane)	5–6	1	
C: Amabali amafutshane (Umbuzo omde OKANYE umbuzo omfutshane)	7–8	1	
D: Isihobe	9–12	2	

QAPHELA: Phendula umbuzo ube mNYE nakweliphi iCandelo kula, A, B noC.
Phendula imibuzo ibe miBINI kwiCandelo D.

ICANDELO A: INOVELI**UMBUZO 1 (UMBUZO OMDE)****KUSA KUSIHLWA – KS Bongela**

'UNtsibande, mzi wasemaZizini nasemaJwarheni akafanga. Mna ndithi esi sisikhumbuzo sokuba le ntlantsi ishiyekileyo iqhuqhumbayo isahlalelwwe kukuba ibe sisibane kwixa elizayo'. Ngqina ubunyani bala mazwi. (190–240 amagama) [35]

OKANYE**UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)****KUSA KUSIHLWA – KS Bongela**

2.1 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

'Azi ukuba laa mntwana unguMpumelelo uza kuba yintoni na xa kunamhlanje,' wabuya waphinda uMamTolo.

'Hayi wethu uza kubuya aqhele afane nabanye abantwana. ... Akuphela kwento esinokulala sitye yona yobunkedama bakhe' ...

'Bethuna masingene emxholweni siyeke ukuchitha ixesha ngeento esezadlula esingenakuzinceda. Nokuba singakhala imini nobusuku bayo sililela uLungile noNomakhwezi soze ezo nyembezi zibavuse,' utshilo uNozililo.

'Enyanisweni mhlawumbi eli lithamsanqa ngakuwe Nozi mayela nale venkile yakho,' kwatsho uMamTolo.

'Tyhini akuboni ukuba uMdali ukuphendulele? Lo mqobo ubusoloko ukuthe nkxi emagxeni usukile. Nevenkile iyabuya ngoku kuba ayinamntu.'

'Esekho nje uThamsanqa nalaa jingxa wentombi enamajingxeba ithengisela phaya akukabikho nto iza kulunga.'

'Hi wethu Nozililo le venkile yayibhaliswe ngoThamsanqa kakade? Loo Thamsanqa undixeleta ngaye wayethathwe ukuba aze kuyijonga, ingathethi ukuthi yejakhe,' wangenelela uMaMiya.

'Kanti ingathi uyaqhula nje unyanisile. Njengokuba uLungile efile nje kunyanzelekile ukuba izinto zibuyiselwe kokwazo. Kakade naye wayengene ngondlelamnyama.

... 'Ndanditshilo nangoku. Kaloku thina asilalanga njengokuba nina nithurha ubuthongo nje. ... Iza kuvuthuluka iphele nya le venkile...'

2.1.1 Ngubani igama lalo mntwana uMamTolo athetha ngaye apha?

(1)

- 2.1.2 UMamTolo uthetha noobani apha kwesi sicutshulwa? Xela amagama abo. (2)
- 2.1.3 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo.
- A UMamTolo akanalo uvelwano.
 - B UMamTolo ungumntu onovelwano.
 - C UMamTolo unomona. (1)
- 2.1.4 Caphula isivakalisi esithetha ukuba ukungabi nabazali kwalo mntwana asikuphela kwento ekwakusoloko kuthethwa yona. (1)
- 2.1.5 Chaza indlela abasweleka ngayo uLungile noNomakhwezi. (1)
- 2.1.6 Xela iyelenqe libe linye elenziwe nguNozililo ngevenkile yakwaNtsibande. (1)
- 2.1.7 UMaMiya wayengumhlobo kaNozililo ongalunganga. Ngqina oku. (2)
- 2.1.8 Ukuba laliphumelele iyelenqe likaNozililo lokubulala uMpumelelo ucinga ukuba bekuza kwenzeka ntoni? (1)
- 2.1.9 Kwakutheni ukuze uNozililo atshiselwe endlwini? (2)
- 2.1.10 Bonisa ubunyani bamazwi kaMamTolo wokuba uLungile ebengumqobo obusenza uNozililo angayifuman iivenkile. (2)
- 2.1.11 UNozililo ubusebenzise njani ubukhwele bukaNomakhwezi ukuphumeza iinjongo zakhe? (2)
- 2.1.12 Ucinga ukuba uMpumelelo wayeziva njani xa ebona abazali bakhe besilwa? (1)

2.2 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

Ekupheleni konyaka wesibini zaphuma zintle kakhulu iziphumo zebanga leMatriki apha kwaBhlai. UMpumelelo waphuma emaggabini wabalasela kanye kwiMathematika nezoBugqi. Waba uyayishiya *iBlythswood* emva kokuba efumene amazwi amkhaphayo adibene namabhaso eencwadi.

Ukuphuma kwakhe *eBlythswood* waya *eFort Hare* akuba efumene isikolashiphu seminyaka emithathu. Ufike wathabatha isebe *IoBugqi* kwabalungiselela ukuya kufunda ubuGqirha (*preliminary course in Medicine*).

Nalapha ubonakalise umdlalwa kwizinto ezininzi athe wazibona apha, izinto ezinjengeengxoxo, imidlalo yaseqongeni, amaqumrhu abafundi, imidlalo yebhola ekhatywayo neyamanqindi. Nalapha ubalasele umfo kaNtsibande, amadoda ewageqa ewageqile.

Ukufika kwakhe uye wothuswa kukubona umhlobo wakhe uThembisa Iowa wayexushana naye eBlythswood. Naye wayesenxa eli sebe belisensiwa nguMpumelelo. Oku kwazana kwenze ukuba bahlobane bade babe ngumtya nethunga. Baqala ngokubizana 'Mkhaya', bida bangabahlobo benene. Wayesithi akuba sengxakini uMpumelelo ancedwe nguThembisa ukanti noMpumelelo wayesoloko emalusile uThembisa ekubeni angahambi nzima kwizinto ezininzi.

Bobabini baba nomdla emculweni, bakwikwayala yalapha. Kuqala uThembisa wavenomnyewu esoyika ukungenela izinto ezininzi kodwa ukuqhelana kwakhe noMpumelelo kwenza ukuba aziwe njengomququzeleli wemicimbi emininzi yabafundi.

- | | | |
|-------|--|-----|
| 2.2.1 | Chonga isivakalisi esibonakalisa ukuba uMpumelelo wafumana izipho eBlythswood? | (1) |
| 2.2.2 | Akuba ephumelele eBlythswood waya kufunda phi? | (1) |
| 2.2.3 | Xela umdlalo ube mnye awathi wazibandakanya kuwo akufika eFort Hare uMpumelelo. | (1) |
| 2.2.4 | Kwakutheni ukuze uMpumelelo noThembisa babizane 'Mkhaya'? | (1) |
| 2.2.5 | UThembisa noMpumelelo babefana ngantoni? Xela ibe nye. | (1) |
| 2.2.6 | Matanisa amazwi akuKHOLAM A nesithethi esikuKHOLAM B. Bhala inombolo yombuzo nonobumba wempendulo kuphela. | |

KHOLAM A	KHOLAM B
(a) Owu, umntwana kaLungile madoda nithi nguye lo uthi ugqibile, uyabuya?	A ULungile
(b) Uze ungayiyeki imfundo naphantsi kwayiphi na imeko de ufikelele kweli nqanaba bendihlala ndisithi ndingaxola ukuba ungafilelala kulo.	B UThamsanqa C UNomakhwezi
	(2)

- | | | |
|--------|--|-----|
| 2.2.7 | Yintoni eyalibazisa uMpumelelo ngeli xesha aseBlythswood? | (1) |
| 2.2.8 | Kuthethwa ukuthini xa kusithiwa, 'Bangumtya nethunga?' | (2) |
| 2.2.9 | Eli gama likrwelelwwe umgca ngaphantsi libonisa ukuba uThembisa ungumntu onjani? | (1) |
| 2.2.10 | Obu buhlobo bukaThembisa noMpumelelo bube neziphi iziphumo? | (1) |
| 2.2.11 | Bonisa ukuba lo mlinganiswa unguMpumelelo igama alinikwe ngumbhali limfanele. | (2) |

2.2.12 UMpumelelo ubalasele kuyo yonke into ayenzayo. Ingaba uyavumelana noku? Xhasa impendulo yakho.

(2)

2.2.13 '... noMpumelelo wayesoloko emalusile uThembisa ...' Eli binzana libonisa ukuba uMpumelelo ungumntu onjani?

(2)

[35]

OKANYE

UMBUZO 3 (UMBUZO OMDE)

UMQOL'UPHANDLE – PM Ngani

Ubungqina bukaJoe Bumba bube nefuthe elikhulu kwityala likaLinda Monti. Ngqina oku ngokuthi wayame ebalini. (190–240 amagama)

[35]

OKANYE

UMBUZO 4 (UMBUZO OMFUTSHANE)

UMQOL'UPHANDLE – PM Ngani

4.1 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

'Endiqiniseke ngayo yeyokuba akasoze angayi ebhayaskophu namhlanje – ngakumbi kowangokuhlwa nje umboniso. Ukungaphili kwam akusoze kumthintele. Wandixeleta kwakudala ukuba akasoze aphoswe ngowanamhlanje umboniso, ngakumbi kuba uboniswa okokugqibela apha eMonti.

'Angade abe uyandithanda uEddie kodwa sendisazi ukuba ibhayaskophu uyibhededha ngaphezulu kunam. Mhlawumbi angafane agqithe ngam ekuphumeni kwakhe eholweni. Endingabe ndizixolisa ngayo okwangoku kukubuka imifanekiso yethu sisobabini.'

Wayezicinga ezi zinto ephuma engena emagumbini endlu yakhe. Ukuba wayenyanisile ngokungaphili kwakhe makube wayengacacanga. Inkangeleko yobuso yayingabiki hlaba. Indlela awayegqadaza ngayo yayingaphezulu nakweyehashe lesitali.

Kambe ayekho amavezana engqelete abekwe ecaleni komandlalo wakhe wokulala. Phofu noLinda wayenokufana namanye amabhinqa ngobuqhokolo. Ngubani owayesazi ukuba wayewaqokelele nje, elungiselela ukuba athi ongenayo azibonele engabuzwanga ukuba akaphilanga.

ULinda yena ucinge akayeka ngalo Eddie wakhe. Uphinde wazimbombozelela yedwa: 'Ungafika uEddie selecinga ukuba ndimbaleka ngabom. Mhlawumbi uthi andifuni kuya naye ebhayaskophu. Kwezakhe iingcinga, andifuni kubonwa ngabantu ndihamba naye. Yeyona nto kanye leyo iya kumenza acinge ukuba ukho lo Dyaloyi ndithe swii nguye. Kanti ukuba ebesazi ...'

- 4.1.1 Xela le ndawo uLinda athi uEddie akasoze angayi kuyo. (1)
- 4.1.2 UEddie wahamba nabani ukuya kule ndawo uyixele kumbuzo 4.1.1? (1)
- 4.1.3 Chonga isivakalisi esibonisa ukuba uLinda uyagula. (1)
- 4.1.4 Gqibezelu esi sivakalisi ngokufakela igama elishiyiwego.
Lo mboniso wawuza kuboniswa okokugqibela kwidolophu yase ... (1)
- 4.1.5 ULinda wagqiba ukuba makabe ezixolisa ngokwenza ntoni? (1)
- 4.1.6 ULinda wayedume ngantoni eMonti? (1)
- 4.1.7 ULinda wamazisa njani uEddie ukuba akaphumeleli ukuhamba naye? (1)
- 4.1.8 Ingaba uEddie wagqitha ngaye uLinda ukubuya kwakhe kule ndawo wayeye kuyo? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 4.1.9 Lithetha ukuthini igama elikrwelelwego umgca ngaphantsi kwesi sivakalisi silandelayo?
'... ibhayaskophu uyibhedesha ngaphezu kunam.' (2)
- 4.1.10 Usixeleta ntoni umbhali ngoLinda ngale nkcazelu ikwesi sivakalisi silandelayo.
'Ukuba wayenyanisile ngokungaphili kwakhe makube wayengacacanga.' (2)
- 4.1.11 Ngokuzigulisa kwakhe uLinda wayejonge ntoni? (1)
- 4.1.12 Uyangqinelana noluvo lombhali oluthi, '... noLinda wayenokufana namanye amabhinqa ngobuhokolo?' (2)
- 4.1.13 Ukushiya kukaEddie *tape recorder* equlethe ulwazi oluyimfihlo athi maze inikwe uLinda, ibonisa ntoni ngobuhlobo babo? (2)

4.2 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

'Entla, uthe tshe ingxowa yesikhumba – esi samanenekazi. Ungcotshe ngeenzwane, yeka ke ukuchwechwa, enyukela ngakuyo, ehamba ethumela iliso elitshawuzayo ngapha nangapha kwingxingwana nganye ayibonayo, efuna ukuqinisekisa ukuba akukho mntu umbukeleyo.

Ufike wayithi hiasi loo ngxowa, wahlala phantsi, ezimisele ukuyonwabela. Uphawule ukuba inolwinyana - lxesikhumba - elibhalwe ngomsizi ocacileyo la magama: L.M.

Yakhawuleza ingqondo yaqikelela ukuba amele uLinda Monti. Uyivule kancinci, umzimba ududuzela wonke lidumbe lokungxama. Waqala ke ukudimbaza. Thaphu ilaphu lokusula elimgqubagquba yimigubo yokuqhola umzimba; kwallandela amacici nezacholo, nobunye ubunewunewu bokuhombisa imizimba yamanenekazi; yangamaqhagana aneendidi ngeendidi zamafutha okugcobha ubuso nokugcokotsha umlomo, amashiyi neenzipho; kulandele ke nezinye iimvilikitshane angazikhathalelanga yena nangona zilixabiso elikhulu kwabasetyhini. Kambe udimbaze akayeka.

Ngelinini, ugagene nento emtsho wazilibala ukuba ulundwendwe olungaziwayo ekhay' apha kuba uvakale esithi qhuzu intsinana eseantsi. Le nto yaqala ngokumphandla ngokumenyezela kwayo. Yayingumsesane wengeji - owexabiso wona.

Uthe ekuwubhenca-bhenceni, waphawula ukuba umphezulu wawo wawuqoqwe kwalapho wawenziwe khona ngamagama athi E.M., ngeantsi kwakho athi L.M.

- | | | |
|-------|--|-----|
| 4.2.1 | Yenziwe ngantoni le ngxowa kaLinda? | (1) |
| 4.2.2 | Yintoni eyayibangela ukuba atshawuzise amehlo ngapha nangapha uHlobo? | (1) |
| 4.2.3 | Kukuthini ukuchwechwa? | (1) |
| 4.2.4 | Xela izinto zibe mbini ezithe zafumaneka kule ngxowa kaLinda. | (2) |
| 4.2.5 | Wayezokwenza ntoni kule ndlu kaLinda uHlobo? | (1) |
| 4.2.6 | Wenza ntoni uHlobo akuggiba ukuggogqa ingxowa kaLinda? | (2) |
| 4.2.7 | Kwakutheni ukuze uDuma Hlelo alwe noHlobo? | (2) |
| 4.2.8 | Ingaba ileta eyabhalwa nguLinda eyafunyanwa endlwini kaEddie inento yokwenza nokufa kukaEddie noLulama. Ewe okanye hayi, uxhase impendulo yakho. | (2) |

- 4.2.9 Linika mfanekiso onjani eli binzana lisetyenziswe ngumbhali?
'... wayithi hiasi loo ngxowa, wahlala phantsi, ezimisele ukuyonwabela.' (1)
- 4.2.10 Usivelisela ntoni umbhali xa esithi, 'Wazilibala ukuba ulundwendwe olungaziwayo ekhay' apha kuba uvakale esithi qhuzu intsinana esezantsi'? (2)
- 4.2.11 Ingaba ilungle into yokuba uHlobo agqogqe ingxowa kaLinda ngaphandle kwemvume kaLinda? Ewe okanye hayi. Xhasa impendulo yakho. (2)
[35]

AMANQAKU ECANDELO A: 35

ICANDELO B: IDRAMA**UMBUZO 5 (UMBUZO OMDE)*****NDIYEKENI – DM Jongilanga***

'Ndiyabona ndiqonda kakuhle ukuba iinyosi azinabudlelwane neempukane'. Ngqina ubunyani bala mazwi ngokwalapha encwadini. (190–240 amagama)

[35]

OKANYE**UMBUZO 6 (UMBUZO OMFUTSHANE)*****NDIYEKENI – DM Jongilanga***

- 6.1 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

Funeka: Huntshu! Mntanasekhaya! Izele thole lini Zan?

Zanele: Wethu! Kufuneka ndihlabe ndikhangele hleze kuthi kanti ndizibindisa ngenyok'ephunga umhluzi.

Funeka: Zifake iinzipho zitshone nophoyiyana uyaqhuqhwa abe nguchwenene.

Zanele: Funeka, *my sister*, ndalamile, ndixakwe nje yinto yokuba lo mfo ngunomgcana, ndingathandi ukuba makaqhelane nokunxanwa.

Funeka: Kulunge kanye oonomgcana abo kanye. Akuqondi?

Zanele: Njani?

Funeka: Bona sebeqhele ukubotshelelwego esisingeni. Kulula ke ukungena kwabo edyokhweni kunokuleqana nabangaphenjelwayo. Qond'apha dade, ukuba lo mfo akanxanwa ligqolo elo. Oonxanwayo ngootiki-ziyavuza, iindlezana sana. Buza kum.

Zanele: Andithandi ukujongana nesikhuni bendisifaka phantsi kwembiza.

Funeka: Ilula leyo sana. Ukuphenduka kwesikhuni sisesandleni kulula ukusiguqula kunesikhuni esibhabha emoyeni.

Zanele: Ndobuya ndibanjelwe ngubani ngoku?

Funeka: Sele ubambise kade, sondeza intambo ibe mfutshane. Kuqhuba iindibano ngeempelaveki ukususela ngoku. Ungaxakeki sana lwam.

Zanele: Uthetha kamnandi sisi wam, kodwa iindidi zeentlanzi azibanjiswa ngomnatha omnye.

Funeka: linkobe zivuthiswa kukukhwezelu ukuze zinganyeli.

Zanele: Hayi wethu undoyisile. Kambe ukuthetha kucutha amanqatha.

- 6.1.1 Igama elithi, 'Huntshu' libonisa ukuba uFuneka ukwimeko enjani? (1)
- 6.1.2 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo:
 Ukuzibindisa ngenyok'ephunga umhluzi kuthetha:
 A Ukuzilumisa ngenyoka.
 B Ukuziqalela inkathazo.
 C Ukusela umhluzi. (1)
- 6.1.3 Ngubani lo mntu uZanele noFuneka bathetha ngaye? (1)
- 6.1.4 Uthi uFuneka yintoni elungileyo ngoonomgcana? (1)
- 6.1.5 Xela indawo abathetha kuyo uFuneka noZanele. (1)
- 6.1.6 Lo mntu bathetha ngaye uFuneka noZanele uyintoni umsebenzi wakhe? (1)
- 6.1.7 Chonga ibinzana elithetha ukuba umntu ongento uyakwazi ukumphucula abe linene. (1)
- 6.1.8 Intetho kaZanele ethi kufuneka ahlabe ekhangeli ibonisa ukuba uyacinga phambi kokwenza into. Ingaba kunjalo? Nika isizathu sempendulo yakho. (2)
- 6.1.9 Ngqina ubunyani bala mazwi kaFuneka ngokubhekiselele kwimeko yakhe xa esithi:
 'Oonxanwayo ngootiki-ziyavuza, iindlezana sana. Buza kum'. (2)
- 6.1.10 Ibonisa ntoni ngoFuneka into yokuba xa efuna ukubambisa uLoni asebenzise umhlobo wakhe uZanele. (2)
- 6.1.11 Uveza ntoni umbhali ngobudlelwane bukaFuneka noZanele xa uFuneka esithi, 'sana lwam', uZanele athi, 'sisi wam' xa bebizana? (2)
- 6.1.12 Ungathi ungumntu onjani uZanele ngokwale ntetho yakhe,
 '... ndixakwe nje yinto yokuba lo mfo ngunomgcana, ndingathandi ukuba makaqhelane nokunxanwa?' (2)
- 6.1.13 Yintoni injongo kaFuneka yokuthetha la mazwi kuZanele?
 'linkobe zivuthiswa kukukhwezelwa ukuze zinganyeli.' (2)

6.2 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

Ndila:	Kanene ufanе uthethe wena. Uyandihleka kuba ndiphelelwе emsebenzini? Ngenye imini uya kuze uqonde ukuba ubomi ngumxube wezothuso namayeyeye.
Funeka:	Hayi wethu, musa ukulixhoma epalini iswili lakho. Asinto esiya kulala sitye yona leyo. Into elungileyo kukufuna umqolomba ungene kuwo ngexesha lezothuso uphume ngethuba leziqabu.
Ndila:	Kungenzeka ukuba ndize kungena komnye.
Funeka:	Ulumke hlez'uthi kanti lo sowubhudl'umoya.
Ndila:	Noko andicingi ukuba ndingashiywa nanguwe enyanyeni. Uncedo lufumaneka kwabasemzini kunabasekhaya.
Funeka:	Ukuba ufunा imali utshо ebhatyini mtshana.
Ndila:	Kuwe imali yinto yonke <i>and like all gold diggers ...</i>
Funeka:	Hayi wethu, ndiyaqhula.
Ndila:	Uyaqal'ukuthetha. Uyayazi into yokuba ndiphelelwе emsebenzini kwaye ndicinga ukuba uyazazi nezizathu.
Funeka:	Lilonke?
Ndila:	Uthando malube nemisebenzi, le mpahla ikule ndlu iyathetha. Ubumnandi balo mcimbi yinto yokuba into yokuthandana kwethu ihlebo lethu (<i>watshо emwola</i>) <i>Look, Funie girl</i> , umdlalo uwuqhelile sondeza uMawonga, izabatha zaziwa nguwe.
Funeka:	Ndakuyibambisa intaka leyo, ndiyithini?
Ndila:	Yixhwithe iintsiba, kuba buyaphela ubuntaka bayo zakuvuthuluka iintsiba.
Funeka:	Ndiyakukhe ndizame mtshana, kodwa makhe lulale uthuli.
Ndila:	Mtshana wam! (<i>Bawolane kwakhona</i>).

- 6.2.1 Yintoni eyabangela ukuba uNdila agxothwe emsebenzini? (1)
- 6.2.2 Yayingubani usihlalo wekomiti yesikolo ngeli xesha agxothwayo uNdila? (1)
- 6.2.3 Kutheni uNdila eze kuxelela uFuneka ukuba akasasebenzi? (1)

6.2.4 Kwakutheni ukuze uthando lukaFuneka noNdila lube lihlebo? (1)

6.2.5 Matanisa intetho ekuKHOLAM A nesithethi esikuKHOLAM B

KHOLAM A	KHOLAM B
(a) Yintak'obusi yodwa ethanda ubusi ingakwazi ukuphakula.	A Maziko
(b) Sukuzikhathaza bhuti wam, unikwa iAppetizer nje.	B Zanele C Thandiwe D Madala

(2)

6.2.6 Inika ntsingiselo ni intetho kaFuneka xa esithi, 'Musa ukulixhoma epalini iswili lakho'? (2)

6.2.7 Yinyani okanye bubuxoki? UFuneka ucinga ukuba uNdila ufuni imali. Xhasa impendulo yakho.

(2)

6.2.8 Cacisa okuthethwa ngamazwi athi: 'Le mpahla ikule ndlu iyathetha' ngokubhekiselele ebalini.

(2)

6.2.9 Ibonisa ntoni into yokuwolana kwesi sibini? (1)

6.2.10 Kwaba luncedo njani ukuba uNdila ingxaki yakhe yokuphelelwa ngumsebenzi aye kuyixela kuFuneka? (2)

6.2.11 UFuneka ulahlekise uZanele ngeenjongo zokuba afane naye ngokwesimo. Ngqina oku.

(1)
[35]

AMANQAKU ECANDELO B: 35

ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE**UMBUZO 7 (UMBUZO OMDE)****NDAKUYICEL'IVUTHIWE – LL Ngewu & EZ Guqa****Kanti andizenzanga**

Ngqiyama ngeziganeko zebali ubonise indlela abantu baseSikhobeni nabaseMnyameni abawanyhasha (abawacinezela) ngayo amalungelo kaMntuyedwa.
(190–240 amagama)

[35]

OKANYE**UMBUZO 8 (UMBUZO OMFUTSHANE)****NDAKUYICEL'IVUTHIWE – LL Ngewu & EZ Guqa**

- 8.1 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

Ikhikhizela laseDangwana

Umkile uMaKheswa nonyana wakhe ukusinga eMthatha. Bekungekho kwanto ibinokwenza ukuba ubani arhane ukuba ngumfazi ohamba nonyana wakhe lo. Umntu ubenokuziqhatha ngelithi ngumama nje ohamba nembathangubo elolusa iinkomo zakwakhe. Phofu umntu onobuntu ubenokunikina intloko yinkohlakalo yalo mama yokuhlala nomntu engamhlawuli kakuhle.

Bakufika eMthatha bangqale ngqo kwindawo ekuthiwa kukwaDanti apho bafumene khona abachebi abavunyiweyo nabaneziqinisekiso zokucheba, kanti abangenazo beginisekile ngento abayenzayo sebeqamele nje ngamava ngenxa yokunqaba kweziqinisekiso eziqwetyiweyo. UMaMpafane ucebise ukuba lidilizwe lonke elo hlathi kuba kaloku unkabi walahleka engekachetywa ukutshona kukayise. Nakuba uFanabekho ubeyimpula kalujaca nje belisekho lona ikratshi lokuba unguanya wetitshala. Uyikhabe kwaya ngaye into yokoguywa iinwele zakhe. Uzicelele ukuba achetywe ngohlobo oluthile. Umchebi unikine intloko eqonda ukuba okoko waba ngumchebi uyaqala ebomini bakhe ukudibana nomntu ongenantloko. Umchebi wonde ngentloko ezama ukuzalisekisa iminqweno yomchetywa. UNkamalanga ubonile xa ediliza eso sihlwitha ukuba umniniso ubefanelekile ukuxhathisa kwisicelo sikaMaKheswa kuba besifihlelo eninzi yaMabongo.

Bangena bephuma kwiivenkile zempahla umfazi emthengela kwanto unyana wakhe.

- 8.1.1 Ngubani igama lalo nyana kaMaKheswa ahamba naye? (1)
- 8.1.2 Yintoni ebangela ukuba kungacaci ukuba uMaKheswa ngumama ohamba nonyana wakhe? (1)

- 8.1.3 Babesiya phi, besiya kwenza ntoni? (2)
- 8.1.4 Chonga ibinzana elithetha ukuba uFanabekho wayengenanto anayo. (1)
- 8.1.5 Uyibonakalise njani uFanabekho into yokuba akafuni kuva ngamntu? (2)
- 8.1.6 Wayeza kuchetyelwa ntoni uFanabekho phambi kokuba alahleke? (1)
- 8.1.7 Intetho ethi, '... makudilizwe lonke elo hlathi ...' ithetha ukuthini? (2)
- 8.1.8 Ingaba uMaKheswa ungumzekelo omhle womama onengqequesho eyiyo? Ngqina okanye uchase oku. (2)
- 8.1.9 Ukuba ubunguFanabekho ubuya kwenza njani xa ufika ekhaya emva kokuhamba ixesha elide ungaziwa? (2)
- 8.1.10 Ingaba uFanabekho wamncedisa unina kwizinto zekhaya njengendoda waphumla uMaKheswa? Nika isizathu sempendulo yakho. (2)
- 8.1.11 Ithini imfundiso yeli balana? (1)

8.2 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

Ikhikhizela laseDangwana

Kube buhlungu umhlolokazi ethetha nonyana wakhe ezama ukumfaka kwintlalo yobuntu. UFanabekho akaphulaphulanga nanye kwizinto azixeletlwengunina. Ubevuka qho njengesiqhelo aqhawule ukutshon'edolophini, abuye eqhuba amatakane. Ubukho bakhe uFanabekho bebufana nokungabikho kwakhe. Le meko uMaKheswa uyijonge wayijonga wabon'ukuba zange azale tu kule nkewu. Akukho nto ubeluncedo ngayo ekhayeni lakhe, elalini yakhe, edolophini yakhe, nakwisiq sakhe.

Into ebebaluleke ngayo umfo kaFikizolo kukufaneleka kwakhe. Ebenxiba kakuhle athi chu ukuya edolophini, ethethela phantsi okwenene lamanene. Umntu odibene naye ebengalibali edibene nomntu kwaba bantu banqongophele kangaka. Enye yezinto ebengahlukani nazo liphephandaba apha i-'Daily Dispatch'. Umntu omphandayo ukuba wenzani kanye ebengalibazisi athi uyi-'pharmacist' evunyiweyo.

Unina uMaKheswa uhambe wahamba wadinwa kukondla ahlambele umququ nje olindele ukuphetshethwa ngumoya. Bezikhe ziqengqeleke iiintsuku uFanabekho engabonakali ekhaya, abuye xa eze kutshintsha impahlala. Ngenye imini ubuyile wacela into etyiwayo kunina koko umhlolokazi akazihluphanga uphendule ngelipholileyo wathi, 'Ukuba ubuyinja yalapha ekhaya bendiza kuqukeza ndikwenzele ukudla kuba bendiza kuqiniseka ukuba ubuyile nje uza kukha ukhonkothe ...'

- 8.2.1 Chonga igama elinye elithetha ukuba umama kaFanabekho ngumfazi obhujelwe ngumyeni. (1)
- 8.2.2 Gqibezela esi sivakalisi ngokufakela ibinzana elishiyiwego:
UFanabekho akaphulaphulanga nanye kwizinto ... (1)
- 8.2.3 Matanisa intetho ekuKHOLAM A nengcaciso ekuKHOLAM B

KHOLAM A	KHOLAM B
Ubukho bakhe uFanabekho bebufana nokungabikho kwakhe.	A UFanabekho ebengumntwana okuphela kwakhe kubazali bakhe. B Akukho nto ebeluncedo ngayo ekhayeni lakhe, elalini yakhe, edolophini yakhe, nakwisiyu sakhe. (1)

- 8.2.4 Yintoni eyabangela ukuba abuye eTinarha uFanabekho? (1)
- 8.2.5 Sizathu sini sokubuya kwakhe awasixeleta unina? (1)
- 8.2.6 Lippi ikhaya likaFanabekho? Xela igama lendawo. (1)
- 8.2.7 Walahleka kokwabo wabuya emva kweminyaka emingaphi uFanabekho? (1)
- 8.2.8 Xa athi umbhali uMaKheswa wazibona ukuba akazalanga ngokuzala uFanabekho uthetha ukuthini? (2)
- 8.2.9 Yintoni eyayibangela uFanabekho aquqe edolophini enxibe kakuhle ephethe iphephandaba? (1)
- 8.2.10 UFanabekho wayekunwenela ukuba ngumntu ofundileyo nophucukileyo. Ngqina oku. (2)
- 8.2.11 Uluvo lukanina lokuba uFanabekho mdala akanakuze afunde, uyangqinelana nalo? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 8.2.12 Amazwi kaMaKheswa athi, 'Ukuba ubuyinja yalapha ekhaya bendiza kuqukeza ndikwenzele ukudla kuba bendiza kuqiniseka ukuba ubuyile nje uza kukha ukhonkothe ...' abonisa ntoni ngobudlelwane bakhe nonyana? (2)
- 8.2.13 UFanabekho akafani nomama wakhe ngokwesimo. Bonisa oku ngokwasebalini. (2)

[35]

AMANQAKU ECANDELO C: 35

ICANDELO D: ISIHOBE – VUKANI MADODA KUSILE

Phendula nayiphi imibuzo emiBINI.

UMBUZO 9 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda lo mbongo ungezantsi uze wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

Intyatyambo – M Mbutuma

- 1 Ewe, ntyatyambo, kha usibonise,
- 2 Ewe kaloku, kha usixelete:
- 3 Elona xesha lokuba ume,
- 4 Ililiphi n'elona ziko lakho,
- 5 Aph'umnt'u angakha khona,
- 6 Uphi n'owona mthombo wakho
- 7 Aph'umnt'angazikhola khona,
- 8 Aph'angahla'azikhelele,
- 9 Aph'angazidid'akruquke.
- 10 Baxolil'abahamb'emimangweni,
- 11 Kub'ubaph'ukuyol'emathafeni.
- 12 Babukel'ubuhle nehombo yakho.
- 13 Ubaxolisil'abazingeli bakho,
- 14 Balibala bebuk'ubuhle bakho,
- 15 Uzidlamkisil'iinyamakazi,
- 16 Ziphaphile zinokuqavakazi,
- 17 Zidl'obakh'ubuncuthu,
- 18 Zikunye neentaka zezulu,
- 19 Zidl'incid'emyoli kakhulu.
- 20 Ziindid'ezininz'iintyatyambo.
- 21 Ulinganiswa nomXesibe nabaMbo.
- 22 Kant'umthnjana ukwenz'ihombo,
- 23 Ukwenz'uvunywe lilizwe
- 24 Ngomsebenzi wakho wobuzwe.
- 25 Waa, ntyatyambo, uvunyiwe,
- 26 Ngenene ngevumb'uthandiwe
- 27 Kanti ngobuhl'uvunyiwe.
- 28 Ngomfaneleko wasamele.
- 29 Ndikubona futh'emifuleni
- 30 Aph'uhlal'emafulu-fukwini.
- 31 Ngokungath'usekuwahombiseni
- 32 Loo manz'anzongo-nzongo eziziben.
- 33 Phezu kwamachib'uyakhonya
- 34 Ujikwa-jikwa kuhle ngumoya,
- 35 Ningqungqe kuhle nivum'ingoma,
- 36 Adungek'amanzi sel'eman'encoma,
- 37 Induluk'imisinga al'amanxwema

- 38 Zon'izitiya sel'izezakho
 39 Kub'uman'ufunyanw'apho.
 40 Zon'iibhekile namagogogo
 41 Neembodelana zikubeka kuzo,
 42 Zide zikufak'ezindlwini.
 43 Ubune kukuhlal'endlwini
 44 Buphel'ubuhle kuni
 45 Kuwe imvuthuluka kwakuni
 46 Nilahlwe ubuhle bungasekho kuni.

- 9.1 Imvano-siqalo kanye nemvano-siphelo kumqolo woku-1 ukuya kowesi-3 kwisitanza soku-1 ibonisa ntoni? (1)
- 9.2 Chonga isimntwiso kulo mqolo: 'Ewe kaloku, kha usixelete'. (1)
- 9.3 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zibiyelweyo:
 Ufinyezo lwemiqolo olukumgca wesi-4 ukuya kumgca we-9 lunika (isandi/isinqqi) esidala isingqisho. (1)
- 9.4 Chaza ukuba ibinzana elikumqolo we-17 elikrwelelwe umgca ngaphantsi kulo mbongo lithetha ukuthini. Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo:
 A lintyatyambo zenziwa ziinyamakazi.
 B Izilwanyana zonwabela ubuhle beentyatyambo obudlamkisayo.
 C lintyatyambo ziyazigxotha izilwanyana. (1)
- 9.5 Kwisitanza sesi-2: Imbongi ithi zibaxolisa njani abazingeli iintyatyambo? (1)
- 9.6 Kwisitanza sesi-3: Khetha umgca onebinzana elibonisa ukuba ulutsha luyazithanda iintyatyambo. (1)
- 9.7 Yintoni umthnjana? (1)
- 9.8 Xa imbongi ithetha ngomXesibe nabaMbo ithetha ngantoni? (2)
- 9.9 Nika umongo wesitanza sesi-3. (2)
- 9.10 Xela isafobe esisetyenziswe kumqolo wama-35 nowama-36. (1)
- 9.11 Ucinga ukuba ubomi bunganjani xa zinokungabikho iintyatyambo? (2)
- 9.12 Nika intsingiselo ephuhliswa ngumqolo wama-38 nowama-39 ngamazwi akho. (2)
- 9.13 Myalezo mni odluliswa yimbongi kulo mbongo? (1½)
[17½]

OKANYE

UMBUZO 10 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda lo mbongo ungezantsi uze wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

Intaba kaNdoda – LS Ngcangata

- 1 Ngxatsho-o-o-o ke, mzi wasemaXhoseni!
- 2 Ngxatsho-o-o-o ke, hlanga lakwaluhlanga!
- 3 Ndithetha nani, zidwesha namagqiyakazi.
- 4 Ndibhekisa nakuni, mlisela nomthnjana.
- 5 Yintaba kaNdoda intaba yeentaba.
- 6 Yintab'encoph'isondel'ezulwini.
- 7 Yintab'ezinyaswe ngamahlath'akwaHoho,
- 8 Inge ithozamel'ukuthandazel'imvula.
- 9 Kulapho kutsholoz'iintaka neenyamakazi,
- 10 Ngokungathi zidumis'uQamata ngesihomo;
- 11 Zimzukisa ngokudala le Ntaba kaNdoda;
- 12 Zibamba ngazibini ngobukho nobunjani bayo.
- 13 Sinelunda isizwe sikaXhosa ngale ntaba.
- 14 Yintab'esiya kuqhayisa ngayo ezizweni.
- 15 Asinakuba manyonywana zisakuyikhankany'iintlanga,
- 16 Kuba yintab'engundoqo weembali zakwaRharhabe.
- 17 Ntabandini ukuba ubukhula ngendithetha ndophele.
- 18 Ndithi ngendityibela, ndityonyoatha, ndityatyadula.
- 19 Ngendisithi khul'ud'ukhuluphale kodwa ungakhokhobi
- 20 Ngendisithi khul'ud'ufike ezulwini.
- 21 Uthume izijoli zize kusidlel'amathol'eendaba;
- 22 Zisibalisele ngezinto zalapho kwikhaya lolangazelelo;
- 23 Zisichazele ngezinto ezenzek'ezulwini;
- 24 Zisixelete ngamaXhos'ababalwe ngobomi baphakade.
- 25 Ngemihla yantlandlolo, nditsho mandulo,
- 26 Kwez'uRharhabe nehlokondiba labalandeli.
- 27 Bafika babek'ubilo kuyo le ntaba,
- 28 Bevela kwaPhalo, phesheya komlambo.

- 10.1 Kumgca woku-1 nowesi-2 kwisitanza soku-1 imbongi isebezise
uphindaphindo olubizwa ngokuba ... (1)
- 10.2 Chonga igama elinye kwisitanza soku-1 elibonisa ukuba imbongi ibhekisa
kabantu abaninzi. (1)
- 10.3 Xela igama lale ntaba ibongwa yimbongi. (1)
- 10.4 Ngawaphi la mahlathi azimase le ntaba? (1)

- 10.5 Caphula isifaniso esisetyenziswe yimbongi kwisitanza sesi-2. (1)
- 10.6 Ithi imbongi iintaka nezilwanyana zimzukisela ntoni uQamata? (1)
- 10.7 Xela isafobe esisetyenziswe kumqolo we-12. (1)
- 10.8 Chaza okuthethwa ngulo mqolo, 'Zibamba ngazibini ngobukho nobunjani bayo.' (2)
- 10.9 Imfanzandi u-ty osetyenziswe yimbongi kumqolo we-18 uthila uvakalelo olunjani? (1)
- 10.10 Chaza intsingiselo equlethwe ngumqolo wama-27 nowama-28. (2)
- 10.11 Ungathi imbongi ingumntu onjani xa ufunda lo mbongo? (2)
- 10.12 Ngokokwazi kwakho lo mbongo, uyangqinelana nembongi xa isithi le ntaba yintaba engundoqo weembali zakwaRharhabe? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 10.13 Ibaluleke ngantoni into yokuba abantu abangamaXhosa bazi ngale ntaba? (1½)
[17½]

OKANYE

UMBUZO 11 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda lo mbongo ungezantsi uze wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

Ibhabhathane – LS Ngcangata

- 1 Nal'ibhabhathane libhabha-bhabha.
- 2 Sisinambuzan'**esithand'ukudl'amacwaka**.
- 3 Iintaka ziyatsholoza, iinyenzane zenz'inzwinini,
- 4 Kodwa lona lithe cwaka, alivakalelwa.
- 5 Phofu loo nto ayalathi kudakumba;
- 6 Nditsho kuba naku lindanda ngodlamko.
- 7 Phakathi kwezityalo liman'ukuhlolola-hlola.
- 8 Amathafa namagcume ziindawo zalo.
- 9 Obu buhle busigubungelo somphefumlo wam.
- 10 Ngumahlal'ehleli ombejezelayo owanez'umxhelo.
- 11 Abukhathalele busika neqabak'incamile.
- 12 Iintyatyambo zoyisiwe wen'uzigqwesile.
- 13 Nekhiwane lisadalele, alinakucel'umngeni,
- 14 Kuba obalo bon'ubuhle bunempethu.

- 11.1 Loluphi uhlobo lombongo olu? (1)
- 11.2 Ngeli xesha iintaka zitsholoza neenyenzane zisenz'inzwinini, lenza ntoni lona ibhabhathane? (1)

- 11.3 Khetha impendulo ibenye echanekileyo kwezi zibiyelwego.
 Ibinzana elibhalwe ngqindilili kumgca wesibini lithetha ukuba:
 Ibhabhathane (litya ukutya kwalo/lihamba ngeenzwane/ alenzi ngxolo). (1)
- 11.4 Gqibezela esi sivakalisi. Sisinambuzan' ... (1)
- 11.5 Lithetha ntoni igama elikrwelelwe umgca ngaphantsi kumqolo wesi-4 ngebhabhathane? (2)
- 11.6 Chonga umqolo obonisa ukuba ibhabhathane alibhabhi ngokutyhafleyo. (1)
- 11.7 Igama, 'ukuhlola-hlola' lithetha ukuthini? (2)
- 11.8 Xela isizathu sokuba oku kuhlola-hlola likwenze phakathi kwezityalo. (1)
- 11.9 Ithetha ukuthini imbongi xa isithi, 'Obu buhle busisigubungelo somphefumlo wam'. (2)
- 11.10 Nika igama elisetynziswayo xa kubhekiswa kwimigca yokuqala esibhozo nemithandathu elandela leyo kulo mbongo? (2)
- 11.11 Bonisa ubuchule bembongi ekusebenziseni umfanekiso-ntelekelelo kulo mbongo. (2)
- 11.12 Ibinzana elithi, 'ngumahlal'ehleli ombejezelayo...' livuselela owuphi umzwa? (1½)
[17½]

OKANYE

UMBUZO 12 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda lo mbongo ungezantsi uze wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

Funzela enzulwini – SSM Memu

- 1 Lishushu idabi kumathaf'obu bomi;
- 2 Kuqhum'amaqulo kuchachamb'umchiza;
- 3 Uxhob'ufohlel'umlisela nomthnjana,
- 4 Usilwa noSathana, usilwa nobumnyama.

- 5 Ayaxhaxh'amagwala, kuband'umchachazo.
- 6 Ubomi ngumzamo kosind'amakroti;
- 7 Ubomi ngumthwalo bufuna umqolo;
- 8 Umgomo um'umi ulind'umzingisi.

- 9 Ubomi lidabi lokulwa nomna;
- 10 Iyathimbis'inyama ayifuni kuthotyozwa,
- 11 Aying'ingaba lidini lokuzis'impumelelo,
- 12 Ayingi ingalinda ijonje inzaliseko.

13 Qina isibindi ukuze uphumelele.
 14 Qul'uphethel'imini nobusuku bayo.
 15 Qhekeza imichankcatho owele ngayo,
 16 Ufunzel'enzulwini ungabuyi ngamva.
 17 Mawuqaqambe umgomo phambi kwakho,
 18 Uziqhiz'iimbophelelo ezikuqamangeleyo,
 19 Uyibeke nxamny'imithwalo ekudobelelayo;
 20 Ulubaleke ngomonde ugqats'olukumeleyo.
 21 Wofuman'abaninzi bengqengq'elungqamekweni,
 22 Wofuman'iqela ligxampuz'emgxobhozweni.
 23 Onke loo maqela akukhwebela kuwo;
 24 Maz'ungawahoyi ufunzele enzulwini.
 25 Ofun'igolide akaqhwayi emgqubeni,
 26 Akaxel'isikhukukazi sifun'imibungu.
 27 Ozingela izilo uthabatha izagweba,
 28 Avuke kwangonyezi abuye nofele.
 29 Oswele umgomo ufana nemfama,
 30 Uyaphumputheka akhubeke awe;
 31 Abe ngumqobo kwabahamba ngendlela,
 32 Kulahleke naye inkitha yezimathi.
 33 Qubul'isikrweqe ulw'ubemagezana,
 34 Ubomi ngumgudu, wovuzwa wakubila;
 35 Umhlab'uyahlaba awufuni nkenenkene.
 36 Amandl'oba ngawakho wakufunz'elenzulwini.
 37 Indlela ilucinya yaye ingumnqantsa;
 38 Ifunyanwa ngamachule iint'eziwa ngamadolo,
 39 Zicelle amandla kuMenzi wento zonke.
 40 Ongecalala lakhe wofikelela enzulwini.

12.1 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zibiyelweyo kwesi sivakalisi silandelayo.

Imbongi kwisitanza soku-1 kumqolo woku-1 isixeleta ukuba (ubomi bumnandi/ubomi lidabi elinzima/ubomi kukusoloko ubetha abanye abantu). (1)

12.2 Imfanozandi, kumgca wesi-2, 'Kughum'amaqulo kuchachamb'umchiza', ivuselela owuphi umzwa? (1)

12.3 Xela izinto zibe mbini ethi imbongi mazenziwe ukuze umntu aphumelele. (2)

12.4 Imbongi ithi benza ntoni abantu abangazamiyo ebomini? Xela ibenyi. (1)

12.5 Cacisa okuthethwa ngumqolo wama-27 nowama-28. (2)

- 12.6 Nika intsingiselo yalo mqolo, 'Abe ngumqobo kwabahamba ngendlela'. (2)
- 12.7 Ngowuphi umfanekiso-ntelekelelo onawo xa ufunda lo mqolo wama-29?
'Oswele umgomo ufana nemfama' (1)
- 12.8 Ithetha ukuthini imbongi xa isithi, 'Funzela enzulwini'? (2)
- 12.9 Bonisa ubuchule bembongi ekusebenziseni lo mqolo ulandelayo kulo mbongo, 'Umhlab'uyahlaba awufuni nkenenkene? (2)
- 12.10 Nika umongo wesitanza sokugqibela kulo mbongo. (2)
- 12.11 Loluphi uhlobo lombongo olu. Xhasa impendulo yakho? (1½)
[17½]

AMANQAKU ECANDELO D: 35
AMANQAKU EWONKE: 70